

IKOTA YESITHATHU

IBANGA :R

IPROGRAM:LITHERSI

IXESHA:IVEKI ENYE



ULWIMI LWENKOBE

UMXHOLO:AMANZI

IYURE NGEVEKI :9H10

IYURE NGEMINI :1H50




ISIPHUMO SESIFUNDO UMGANGATHO WOKUHLOLA	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA
<p>PF 6-UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI</p> <p>GH 1-(a)Nxulumanisa izandi koonobumba namagama kunakana ukuba amagama akhiwa ngezandi. Kunakana izandi zokuqala zamanye amagama. Bonakalisa izandi kumagama alula.</p> <p>GH2 Sebenzisa ngamagama ngokwahlula isimaphambili kwisiqu umz:-isi-kolo.</p> <p>GH5-Sebenzisa ulwimi kwintsebenziswano ngokusebenzisa ulwimi ukuvakalisa imbeko (ndicela)</p>	<p>UKUFIKA KWABAFUNDI KUSASA</p> <p>Abafundi baya kwindawo zokufunda bezikhethela</p> <div style="display: flex; justify-content: space-around; align-items: center;">   </div> <p>ISANGQA SAKUSASA(MORNING RING)</p> <p>Utitshala wamkela abafundi ngokubabulisa abancokolise aze abanike ithuba lokubalisa abakubone kumabonakude nabakuve kunomathotholo ngezolo,baphinde babalise nangabakubone endleleni eya esikolweni.Utitshala ubalisela abafundi elinxulumene nomxholo isenokuba libali alithabathe eBhayibhileni umz. Umkhombe kaNowa okanye ibali eliza</p>

UNXULUMANISO KWEZINYE IZIFUNDO

Ubugcisa nenkcubeko-PF 2 GH 2(b)

kubonwabisa bazive bechulumancile.



Umkhombe kaNowa

ITSHATHI YEMOZULU

Utitshala uyalela abafundi ukuba baphume phandle baye kujonga imozulu ukuze babuye babonakalise kwitshathi yemozulu.



ITSHATHI YOKUZALWA.

Utitshala ubuza abafundi ukuba ngobani abazalwayo namhlanje?
Ngumhla wesingaphi?
Mingaphi iminyaka yabo bazalwayo? kubhalwe kwitshathi.



Makuculelwe abo bazalwayo namhlanje ngabafundi bebonke, bevuyisana nabo.

Min'emnandi



Min'emnandi kuwe / kuni x 2

Utitshala ubuza abafundi ukuba ngobani abangekhoyo esikolweni bangaphi?

IMIDLALO YANGAPHAKATHI

Utitshala uxhoma itshathi ebonisa iindlela zokusebenzisa **amanzi**. Uyalela abafundi ukuba bachaze ngabakubona kwitshathi baze baqikelele ukuba umxholo ungantoni na?



Utitshala ubonakalisa ngokuxhoma umxholo obhalwe ngamagama amakhulu. Ubuza abafundi ukuba :

Amanzi siwafumana phi?

Abafundi bayachaza ukuba afumaneka, **imizekelo:**



emithonjeni,ematankini, emaquleni, emadamini,njl-njl

Utitshala uchazela abafundi **ukubaluleka kwamanzi**

Amanzi ...



Amanzi **sihlamba ngawo** imizimba kunye nempahla yethu.

Sipheka ngawo, siyawasela, siyankcencshela izityalo.

Sicoca ngawo izindlu zangasese, **sicoca imigangatho** ngawo.

Utitshala uchazela abafundi **indlela esinokuthi siwagcine ngayo amanzi:**

Singavuleli itephu amanzi azibalekele

Ngokusebenzisa itip-tap xa sihlamba izandla. Utitshala ucacisa banzi ngezinye indlela zokonga amanzi nangokubaluleka kwawo kwimpilo yethu nasezilwanyaneni. Utitshala uchazela abafundi ukuba mabawasele rhoqo amanzi.

Abafundi bayazoba bebonakalisa indawo amanzi afumaneka

kuzo besebenzisa iikrayoni ukufakela imibala. Bayasika

bancamathelise bebonakalisa izinto amanzi asetyenziswa kuzo.

Abafundi basebenzisa oonotsheluzo ukubonakalisa amagama abaqalayo ukuweva.

Banakana ukuba amagama akhiwa ngezandi **FAT4**



Banakana izandi kumagama alula.

Basebenzise ulwimi ukuvakalisa bebonakalisa imbeko.

Badlala phandle



IMIDLALO YANGAPHANDLE

Ukudlala ngamavili, badlala nangamanzi nesanti , bayasukelana.

IXESHA LEBALI

Utitshala ubalisela abafundi ibali elifutshane babuze imibuzo befuna ingcaciso. Badlala umdlalo omfutshane belinganisa abalinganiswa ebalini.

ISANGQA SOMCULO

- Bacula iingoma ngamanzi, **umz.**

Imvula

Imvula! Imvula!


Chapha! Chapha!

Imanzi lokhwe yam,

Gqum! Gqum! Kuyaduduma!

-

- Benza izicengcelezo nemibongo ngamanzi, umz.



**Thina singamadada,
Sifunda ukudada.**

**Xa siqubh'edamini,
Sitshonis'intloko.**

Sivuke sisithi,

Giyo! Giyo! Siyadada!

Giyo! Giyo! Siyadada!

IXESHA LOKUGODUKA

Abafundi baqoqa izixhobo zokufunda baziphindise ngendawo zazo. Bacule iculo lokugoduka.

Utitshala uyabakhulula bagoduke asale elungiselela ingomso.

IZIXHOBO ZOKUFUNDISA

Izincamathelisi, iincwadi, ikrayoni, imagazini, amanzi, amavili, isanti, imifanekiso.

IZIXHOBO ZOHLOLO

Tshekilisti, Rubriki, Okuboniswayo

IZITHINTELI

Ubuninzi babantwana

OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA

Utitshala unika iziphumo zabafundi kubafundi

IKOTA YESITHATHU

IPROGRAM :ILITHERESI

ULWIMI LWENKOBÉ

UYILO LWESIFUNDO

IYURE NGEVEKI :9H10 MIN.

IYURE NGEMINI :1H10 MIN.

IBANGA –R

IXESHA :IVEKI EZIMBINI

UMXHOLO :UKHUSELEKO EKHAYA

NAKWEZI SINGQONGILEYO

ISIPHUMO SESIFUNDO UMGANGATHO WOKUHLOLA	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA
<p>PF 1 UKUMAMELA</p> <p>GH 1: Mamela ngenyameko imibuzo, imiyalelo nezaziso aze aphenhule ngokufanelekileyo</p> <p>GH 2: Bonisa izimo zokumamela ezifanelekileyo ngokumamela ngaphandle kokuphazamisa</p> <p>GH 3: Mamela ngolonwabo ingoma ezilula, imvano-zandi, imihobe emifutshane namabali kwaye abonise ingqiqo ngo:</p>	<p>UKUFIKA KWABAFUNDI KUSASA: Abafundi baya kwindawo zokufunda bezikhethela ngokwabo.</p> <p>ISANGQA SAKUSASA (MORNING RING) Utitshala wamkela abafundi ngokubabulisa, abancokolise aze anike ithuba lokuba babalise ngabakubone endleleni eya esikolweni.</p> <p>IXESHA LEBALI Utitshala ubalisa elakhe ibali usenakubalisa ngesicatshulwa asithabathe ebhayibhileni,</p> <p>UKUTSHINTSHA ISIMO</p>

- a) kudlala inxalenye yebali, ingoma okanye imvano-zandi
- b) Kudibanisa impinda ngamaxesha afanelekileyo
- c) Kuzoba umfanekiso webali, wengoma okanye imvano-zandi
- d) Kuqaphela inkcukacha aze anike ingcamango engundoqo yesicatshulwa somlomo
- e) Kubeka imifanekiso ngokulandelelana

UNXULUMANISO

PF 3: UKUFUNDA NOKUBUKELA

GH 1: Sebenzisa izikhokelo ezibonwayo ngo:

- a) Kujonga ngononophelo kwimifanekiso neefoto ukuze anakane izinto ezibonakalayo, eziqhelekileyo namava (b, c, d, e)

PF 6: UKWAKHIWA

NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

GH 1: Nxulumanisa izandi koonobumba namagama ngo:

- a) Kunakana ukuba amagama

ITSHATI YEMOZULU:

Utitshala uyalela abafundi ukuba baphume phandle bayekujonga isimo sezulu ukuze babuye babonakalise kwitshati yemozulu.

imozulu

ITSHATI YEMINI YOKUZALWA

Utitshala ubuza abafundi abavela ngosuku nenyanga engqamene nolusuku.

Abanye abafundi bayabaculela babonakalise nangokuwabhala kwitshati yokuzalwa ukuba kukhona abeze neekeyiki zabo zilinda ixesha labo lokudla.



IMIDLALO YANGAPHAKATHI

UKHUSELEKO: INGXOXO NGOMXHOLO

1. UMLILO

Utitshala ubuza okwaziwa ngabafundi ngokunxulumene nomlilo:

- Izinto ezinobungozi obenziwa ngumlilo emakhaya nakwiindawo ezisingqongileyo
- Izixhobo ezisetyenziswa xa kubaswa umlilo
- Into eyenzeka xa ubani elahle umcinga wematshisi, isijungqu sesigareti engceni xa etshaya
- Ubungozi bokulayita izitovu, izibane zokwenza ubushushu xa abantu abadala bengekho.
- Ucacisa kangangoko ngobungozi bokukhanyisa ngekhandlela.
- Abafundi bacula ingoma emva kwesi sihloko:

Umzekelo –{Umzi watsha}

- Ukhuseleko ngokuqoqosha izixhobo eziselwayo ezisetyenziswa emakhaya.
- Utitshala ubuza abafundi ukuba yintoni iparafini kwakunye nomsebenzi

akhiwe ngezandi

- b) Kunakana izandi zokuqala zamanye amagama.

UNXULUMANISO KWEZINYE

IZIFUNDO

Ezoqoqosho

PF 2 –ukugcina ukukhula nophuhliso.

GH2-Balisa amabali eemfanelo ekhaya.

wayo.Uyaqhubeka eabuza ukuba ingaba kubo inabungozi buni na?


- Xa sibona umntwana edlala ngebhotile ebineparafini sifanele senze ntoni?
- Utitshala uchazela abantwana ubungozi bokusela amayeza xa behlangene nawo ngaphandle komyalelo womntu omdala. Uyaqhubeka abantwana ukuba mabakulumkele ukuvula iibhotile abahlangana nazo baze basele ngenjongo yokungcamla okungaphakathi.
- Ubayalela ukuba baxebele abazali ukuba baziqoqoshe kwindawo efihlakeleyo izinto ezinobungozi ezinokuthi ziselwe ngabantwana.


UKHUSELEKO EMBANENI:

- Utitshala ubuza abafundi ngezinto ezinobungozi ezinokubangelwa ngumbane okanye iintambo zombane abachazele ngenzozi zombane.ekuhlaleni.

UMDLALO WANGAPHAKATHI

- Utitshala ubonisa abantwana iintlobo-ntlobo zetshathi ezibonisa ngobungozi bomlilo,ukusela amayeza,iparafini kwakunye nombane.
- Abafundi bachaza abakubona kwitshathi kuxoxwe ngawo bechwayitile.
- Abafundi basika baze bancamathelise ,bayazoba ze bafakele imibala,bayapeyinta babumbe,basote baze batshatise..
- Basebenzisa incwadi bejonge imifanekiso enxulumene nalo mixholo ingasentla.
- Balandela imiyalelo emithathu ngokunikwa ngutitshala.**FAT 1,3.**
- Abafundi xa kubuzwa imibuzo umfundi ngamnye uphakamisa isandla enika imbeko kwabanye ithuba **FAT 1.**
- Banakana izandi kumagama abo nawezihlobo.**FAT 2,4.**

	<ul style="list-style-type: none"> • Bamamela bathathe inxaxheba bathathe izandi eziqalayo nezigqibelayo FAT 3,4. • Bamatanisa amagama anemvano zandi ezifanayo kwimidlalo yokumamela. FAT 2. <p>IMIDLALO YANGAPHANDLE</p> <ul style="list-style-type: none"> • oojingi • amavili • iibhola • imidlalo.  <p>XESHA LEBALI</p> <p>Utitshala ubalisela /ufundela abantwana ibali elingqamene ngenye yezi zihloko ezingokhuseleko</p> <p>umz: umlilo, umbane, ukusela iparafini aze abuze imibuzo.</p> <ul style="list-style-type: none"> • Abafundi babalisa ibali baze benze umdlalo omfutshane belinganisa abalinganiswa. <p>ISANGQA SOMCULO</p> <p>Bacula iingoma ezingqamene nemixholo umz: umzi watsha.</p> <p>Benza nezicengcelezo umz. amadada</p> <p>IXESHA LOKUGODUKA</p> <p>Abafundi baqokelela baqoqoshe izixhobo bezibeka ngendawo zazo, utitshala uyabakhulula bagoduke.</p> <p>Utitshala ulungiselela ingomso.</p>
INKQUBO YOHLLOLO	umhlobo, amaqela, utitshala

IZIXHOBO ZOKUFUNDISA	Izincamathelisi, itshathi, ikrayoni, incwadi, izikere, iimagazini
IZITHINTELI	Ubuninzi babantwana, 
OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA	
IINDLELA ZOKUHLOLA	Incoko yomlomo, ukwenza ulinganisa, okubhaliweyo.

IKOTA YESITHATHU

IBANGA -R

IPROGRAM:LITHERESE

IXESHA -IVEKI EZIMBINI

ULWIMI LWENKOBÉ

UMXHOLO:UNGCOLISEKO

IYURE NGEVEKI: 9H10 MIN.

IYURE NGEMINI: 1H50 MIN

ISIPHUMO SESIFUNDO UMGANGATHO WOKUHLOLA	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA
<p>PF 2: UKUTHETHA</p> <p>GH 2: Vakalisa imvakalelo zakho nezabantu bokwenyani okanye bentekelelo.</p> <p>GH 5: Buza imibuzo xa bengaqondi okanye efuna ulwazi nokuphendula ngokucacileyo imibuzo ebuzwayo</p> <p>GH 6: Gqithisa imiyalezo.</p> <p>GH 7: Balisa amabali abo nophinda abalise amabali abanye ngamazwi abo.</p> <p>GH 9: Bonisa imvakalelo xa bethetha nabanye.</p>	<p>UKUFIKA KWABAFUNDI KUSASA:</p> <p>Baya kwiindawo zokufunda bezikhethela</p> <p>ISANGQA SAKUSASA</p> <p>Utitshala ubamkela ngokubabulisa, abancokolise. Ubanika ithuba lokubalisa ngabakubone komabona –kude ngezolo, noko bakuve konomathotholo emakhaya, ndawonye noko bakubone ezindleleni xa besiza esikolweni.</p> <p>Ubabalisela ibali elimnandi elingalo mxholo, usenokulikhetha nasebhayibhileni, ebonwabisa.</p> <p>ITSHATI YEMOZULU</p> <p>Utitshala uphuma nabafundi phandle ukuya kubona imo yezulu.</p> <p>Emva koko bangena eklasini umfundi ngamye abonakalise akubonileyo kwitshati yemozulu.</p>

PF 3: UKUFUNDA NOKUBUKELA

GH 2: Sebenzisa izikhokelo ezibonwayo

ngo:

- Kujonga ngononophelo kwimifanekiso neefoto ukuze anakane izinto ezibambekayo eziqhelekileyo namava.
- Kuchonga imifanekiso okanye imilo kwimvelaphi.
- Kwenza intsingiselo yamabali nemifanekiso
- Kudibanisa imifanekiso namagama

GH 5: Qala ukukhulisa ingqiqo yezandi ngo:

- Kunakana amaqabane okuqala nezikhamiso

UNXULUMANISO KWESI SIFUNDO

PF 1 UKUMAMELA

GH 1: Mamela ngenyameko imibuzo, imiyalezo aze aphendule ngokufanelekileyo.

GH2: Bonisa iimo zokumamela ezifanelekileyo ngokumamela ngaphandle kokuphazamisa, abonise imbeko kwisithethi, anike abanye amathuba ekuthetheni.

GH 3: Mamela ngolonwabo iingoma

ITSHATI YOMHLA WOKUZALWA

Utitshala ubuza le mibuzo ilandelayo:

- Ngumhla wesingaphi namhlanje?
- Kanene ngobani abazalwa namhlanje?
- Mingaphi iminyaka yabo?

Bayaculelwa yiklasi yonke, kubhalwe nakwitshati

“min’emnandi kuwe / kuni”

Kuyakutyiwa ikeyiki ngexesha lokudlala xa kukho oze nayo.

IMIDLALO YANGAPHAKATHI

INGXOXO NGOMXHOLO: UNGCOLISEKO

Utitshala ubabuza ngezinto ezingcolisayo ngokubanzi, achonge ethetha ngongcoliseko

Iwamanzi

Ubabuza **ngezinto ezingcolisa** amanzi. Bayazichaza naye ongeze apho kolo lwazi lwabo.

Ubuza **ngezifo** ezibangelwa kukungcola kwamanzi.

Bayazichaza zonke ezo bazaziyo naye agxininise **kwiKholera, uKhwekhwe**

(urhawuzelelo lomzimba xa bequbha emadamini, kubekho amaqhakuvana)

Ubabonisa itshati yabantu abagula yiKholera/ iCesina/utyatyazo, kwakunye nendlela yokusinyanga nokusikhusela.

UNGCOLISEKO LWEZISINGQONGILEYO EKUHLALENI:

Ubabuza izinto ezenza ungcoliseko ekuhlaleni nakumagumbi okufundela. Bayazichaza banike nemizekelo yazo. Uyongeza kolo lwazi lwabo, agxininise kwezo zibangelwa bubumdaka, **umz.**



ezilula, imvano-zandi, imihobe emifutshane
namabali kwaye abonise ingqiqo ngo: a, b, c, d, e

KWESINYE ISIFUNDO

ISIFUNDO NGEZOBOMI

PF 1: UKUPHUCULA EZEMPILO

GH1: a) Cacisa ukubaluleka kokusela amanzi
acocekileyo

c) Bonisa izilumkiso zokusasazeka kwezifo
ezosulelayo

d) Cacisa ukhuseleko ekhaya nasesikolweni

- **ukhwekhwe** – luxhaphake kakhulu kubantwana abahlala kwiindawo ezimdaka, nezinamadami amdaka

- **ukhohlelo/isifuba** – sibangwa luthuli olusuka kwiindawo ezingacocekanga

Ubabonisa itshati yomntwana ~~onokhwekhwe~~ okanye nasiphina isifo esibangwa kukungcola.

Bayacula ingoma bonke:

“Xa ubon’iphepha, lichole

When you see a paper, pick it up

Lichole, lichole, lichole (x 2)

Pick it up, pick it up, pick it up”

UNGCOLISEKO LOMOYA

Utitshala ubabuza le mibuzo:

Ingaba umoya ungcoliseka njani?

Banika iimpendulo, naye uyacacisa ngokunika eminye imizekelo. Ukhankanya

egxininisa kanobom **kumsi** obangelwa ziimoto eziqhumayo,

kumsi ophuma xa kutshaywa icuba,

kumsi xa kutshiswa amatayari/amavili ngabakhandi beemoto

Kumlilo wamalahle kaloliwe.

Ubabuza isifo esibangwa lolungcoliseko lomoya.

Basenokwazi ukuba yi TB /isifo sephepha.

Abanye basenokuchaza ukuba banazo izihlobo ezinesi sifo.

Ubaxelela ngezinto abanokuzenza ukuzikhusela ukuze bangosuleleki zezi zifo zongcoliseko lomoya.

UMDLALO NGAPHAKATHI

Utitshala ushwankathela izihloko zakhe ngokuxhoma itshati ezintathu ngokungcola:

- komhlaba
- kwamanzi
- kokusingqongileyo

Utitshala unika abafundi iincwadi (magazini) ezinemifanekiso baze abafundi ba:

- change imifanekiso engqamene nongcoliseko
- ncamathelise kwincwadi zabo zemisebenzi
- jonga nemifanekiso enabantu abanezifo ezingqamene nezibangwa lungcoliseko
- yazoba bafakele imibala
- sebenzisa udongwe bebumba
- yasota, bahlele bethelekisa

Abafundi bavakalisa iimvakalelo zabo nezabanye abantu **FAT 2**


Banakana izinto ezilula nezisondele kumava abo kwimifanekiso **FAT 1**

Benza intsingiselo yamabali nemifanekiso emithathu **FAT 2 & 3**

Badibanisa amagama alula nemifanekiso eneelebhile, banakana iqabane lokuqala kumagama aseklasini **FAT 4**

IMIDLALO YANGAPHANDLE

- oojingi
- owamanzi
- owesanti
- ugqaphu
- hula-huphu
- ibhola



IXESHA LEBALI

Ubabalisela ibali elingezi zihloko zingentla. Abafundi babalisa awabo nabo ngezi zihloko. Benza imidlalo emifutshane belinganisa abalinganiswa.

ISANGQA SOMCULO

Bacula iingoma ezingqamene nezi zihloko, **umz.**

“imvula! Imvula!

chapha, chapha, chapha!

Imanz’ilokhwe yam!

Gqum! Gqum! Kuyaduduma!

Ubenzisa nezicengcelezo, enze nezakhe iingoma ezingale mixholo.

IXESHA LOKUGODUKA

Baqoqosha izixhobo zokufundisa bazibeke ngeendawo zazo. Bayagoduka.

Utitshala ulungiselela ingomso.

INKQUBO YOHLLOLO	Umlingane, utitshala Amaqela
IZITHINTELI	Ubuninzi babantwana
IZIXHOBO ZOKUFUNDISA	Izincamathelisi, izikere, ikrayoni, iincwadi, imagazini
OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA	
Iindlela zohlolo	Incoko yomlomo, ukwenza ulinganisa, okubhaliweyo

IKOTA YESITHATHU

IBANGA R

IPROGRAM :LITHERESI


IXESHA

IVEKI EZIMBINI

ULWIMI LWENKOBÉ

: 1 IINTAKA

UYILO LWESIFUNDO



IYURE NGEVEKI 9H10 MIN.

IYURE NGEMINI 1H50 MIN.

ISIPHUMO SESIFUNDO UMGANGATHO WOKUHLOLA	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA
<p>PF 4 UKUBHALA</p> <p>GH 1(a)Enza ilinge ngokubhala ngo_</p> <p>(a)kuyila besebenzisa imizobo ekugqithiseni imiyalezo njengesiqalo sokubhala.</p> <p>(b)Kwenza onobumba ngeendlela ezahlukeneyo umz:ukukhomba amagama esebenzisa umzimba wakhe,ukubonisa isimo babhale esantini okanye entlabathini)</p> <p>(e)Ukuthetha ngabakuzobileyo nabakubhalileyo.</p> <p>(g)Kusebenzisa onobumba abaziwayo namanani</p>	<p>UKUFIKA KWABAFUNDI KUSASA</p> <p>Abantwana baya kwindawo zokufunda bezikhethela:</p> <p>ISANGQA SAKUSASA(MORNING RING)</p> <p>Utitshala wamkela abantwana ngokubabulisa abancokolise aze abanike ithuba lokubalisa abakubone kumabonakude okanye abakuve kunomathotholo emakhaya, babalise nangabakubone endlelenim eya esikolweni.</p> <p>Emva koko utitshala ubalisa elakhe ibali usenokubalisa ngesicatshulwa asithabathe eBhayibhileni umz (uNowa uthuma ihobe liye kukroba amanzi ukuba angakanani) ukutshintsha isimo okanye ukubonwabisa.</p> <p>ITSHATHI YEMOZULU</p>

(okanye usondeliso) ukwazisa ulwimi
olubhaliweyo ingakumbi oonobumba bamagama
abo,ubudala njl-njl.

(j)Kukhuphela okubhaliweyo kwimeko-bume
umz:iilebhile kwizinto zasekhaya ezizizo.

UNXULUMANISO KWESI SIFUNDO

PF 1-UKUMAMELA

GH 1,GH 2

PF 2-UKUTHETHA

GH 2

Utithsala uyalela abafundi ukuba baphumele phandle baye kujonga isimo sezulu ukuze
babonakalise kwitshathi yemozulu.

ITSHATHI YEMINI YOKUZALWA

Utithsala ubuza abafundi ukuba ngobani abazalwa ngolo suku.Abanye abafundi
bayabaculela babonakalise nangokubhala kwitshathi yokuzalwa,ukuba kukhona
abaphethe ikeyiki zabo

Ziya kulinda ixesha lokudla.



IMIDLALO YANGAPHAKATHI

INGXOXO NGOMXHOLO

Utithsala uxhoma itshathi eneentlobo-ntlobo zentaka. Baxoxa ngezintaka bezicalu -
calula ngokohlula ezasekhaya kwezasendle.

Banika izinto esizifumana kwintaka zasekhaya.

Utithsala uxhoma umfanekiso wenkukhu aze abuze kubafundi izinto esithi sizifumane
kuyo,umz: **amaqanda,inyama kwakunye neentsiba.**

Utithsala ubaxelela ngeminye imisebenzi yentaka zasekhaya benika imizekelo
amadada, amahobe amakarikuni njl-njl.

Abafundi bayabumba umdongwe besenza iintaka zasekhaya, utitshala ubanika incwadi enemifanekiso baze bachonge, basike bancamathelise imifanekiso yeentaka zasekhaya. Bayacacisa noncedo lwazo iintaka emakhaya. Bathetha ngeentaka zasekhaya baze bazizobe bebonakalisa imibala yazo.

Utitshala uyabalela ukuba bahlele iintaka ukusukela kwezincinane ukuya kwezinkulu. Utitshala

Ubuya abachazele imisebenzi yeentsiba zenkukhu **umz: imiqamelo**. Abafundi benza **isicengcelezo—(iintaka ezimbini zihleli emthini)**

IINTAKA ZASENDLE

Utitshala unika abafundi ithuba lokuba bachaze iintlobo zeentaka zasendle abazaziyo. Uxhoma itshathi aze abayalele ukuba bamnike amagama eentaka abazaziyo. Kuxoxwa ngezi ntaka benika nemisebenzi yazo nalapho zifumaneka khona. Abafundi bahlela iintaka ezinobungozi kunye nobungakanani bazo. Utitshala ubuza abafundi ngentaka esithi sizibone xa kukho isilwanyana esifileyo **umz: ihashe**.

Abafundi bayachaza ukuba babona **amaxhalanga, amahlungulu, iingxangxosi njl-njl**. Utitshala uchazela abafundi ngokubaluleka kwezinye iintaka ezinjengenciniba esithi sifumana khona **ufele** lokwenza **izihlangu, amabhanti, ibhegi nezinye izinto**.

Uphinda abacacisele nangencanda apho **amagqirha** athi asebenzise **iintsiba** zayo ukunyanga abantu, bambi bazifaka **eminqwazini** ukuhombisa. Utitshala ubanika iincwadi enemifanekiso yeentaka ukuze basike bancamathelise, babumbe umdongwe besenza **iintaka** bejongo kwimifanekiso. Utitshala ubuya axhome enye itshathi ukuze

abafundi bahlele/bathelekise iintaka zasekhaya nezasendle kunye nemisebenzi yazo.

Bazoba imifanekiso yabo bazobe nangesihloko abasinikiweyo. **FAT1.**

Benza onnobumba besebenzisa ikrayoni. **FAT 2**

Bathetha ngemizobo yabo nabakubhalileyo **FAT 3**

Bazama ukubhala amanani **FAT 4.**

Utitshala ubabonisa iindlela zokukhuphela okubhaliweyo **FAT 4.**

IMIDLALO YANGAPHANDLE

Ugqaphu, oojingi, hula-huphu, amavili, ogingqi-gongqo.

IXESHA LEBALI

Utitshala uchonga ibali elinxulumene neentaka zasekhaya okanye ezasendle ababalisele ibali. Abafundi babuza imibuzo befuna ingcaciso. Utitshala uyababuza efuna ukuqonda ukuba balivile ibali. Abafundi babalisa iintsomi benza nezicengcelezo okanye babalise ngamabali abaweve emakhaya.

ISANGQA SOMCULO

Abafundi bacula iingoma ezinxulumene neentaka besenza nezicengcelezo(iintaka ezimbini zazihleli emthini.....njl-njl.

IXESHA LOKUGODUKA

Abafundi bayaqoqosha babeka izixhobo ebezisetyenziswa ngendawo zazo.

	<p>Bacula ingoma yokugoduka bahambe.</p> <p>Utitshala uyashiyeka ecwangcisa umsebenzi wakusasa.</p>
<p>INKQUBO YOHLLOLO</p> <p>IZIXHOBO ZOKUFUNDISA</p> <p>IZITHINTELI</p> <p>OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA</p>	<p>Umlingane, utitshala, amaqela</p> <p>Izincamathelisi, ikrayoni, incwadi, izikere, imagazini</p> <p>Ubuninzi babantwana</p> <p>Utitshala unika ingxelo yeziphumo zabafundi kubafundi.</p>

IKOTA YESITHATHU

IBANGA R

IPROGRAM :LITHERESI


IXESHA-IVEKI EZIMBINI

UYILO LWESIFUNDO

UMXHOLO –IZINAMBUZANE

IYURE NGEVEKI 9H10MI

IYURE NGEMINI 1H50 MIN



ISIPHUMO SESIFUNDO UMGANGATHO WOKUHLOLA	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA
<p>PF 5-UKUCINGA NOKUQIQA</p> <p>GH-1 Sebenzisa ulwimi ukwandisa isigama ngo:- (a)Kubonisa ukwanda kolwazi lwabo lwesigama Esifana nomlinganiselo,bukhulu,isimo,kwalathisa,umbala Isitya,ixesha,ubudala nolandelelwano.</p> <p>GH2:Sebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni ngo:- kuqonda nokusebenzisa ulwimi ekuqiqeni nakwingqiqo njengakwintsusa nesiphumo.</p> <p>GH3.Sebenzisa ulwimi ekuphandeni nasekuphononongeni ngo:</p>	<p>Ukufika kwabafundi kusasa.Abafundi baya kwindawo zokufunda bezikhethela.</p> <p>ISANGQA SAKUSASA(MORNING RING)Utitshala wamkela abafundi ngokubabulisa abancokolise aze abanike ithuba lokubalisa ngabakubone kumabonakude nabakuve kunomathotholo ekhaya ukanti nokwenzeke endleleni eya esikolweni.Utitshala wenzela abafundi ibali usenokuba libali alithabathe eBhayibhileni okanye ibali eliza kubonwabisa.</p> <p>ITSHATHI YEMOZULU</p> <p>Utitshala uyalela abafundi ukuba baphumele phandle baye kujonga isimo sezulu babuye babonakalise kwitshathi yemozulu.</p> <p>ITSHATHI YOKUZALWA</p> <p>Utitshala ubuza abafundi ukuba ngumhla wesingaphi?Ingaba ngubani ozalwayo</p>

<p>(a)Kubuza imibuzo nokukhangela ingcaciso.</p> <p>(c)Kusombulula imifanekiso nephazili yamagama.</p> <p>GH 4.:Lungisa ulwazi ngo:</p> <p>(a)Kuthetha ulwazi oluchongiweyo kwinkcazelo</p>	<p>namhlanje?Mingaphi iminyaka yabo? Utitshala uyalela abafundi ukuba makuculelwe abo bazalwayo namhlanje kubhalwe kwitshathi yokuzalwa.</p> <p>Utitshala ubuza ukuba ngobani abangekhoyo..</p> <p>IMIDLALO YANGAPHAKATHI</p> <p>INGXOXO NGOMXHOLO</p> <p>Utitshala uphuma phandle nabafundi baye egadini yesikolo aze abayalele ukuba bajonge izinambuzane abazibonayo bajonge naphantsi kwamatye nasengceni baze babuyele kwigumbi lokufundela.</p> <p>Utitshala uxhoma itshathi enebhabhathane ubuza abafundi ukuba yintoni.Utitshala uphinda ababuze abafundi ukuba ingaba sisilwanyana sini na?Ingaba yintaka okanye isinambuzane na?Ubayalela ukuba banike iintlobo zezinambuzane abazaziyo,ubayalela ukuba banike imizekelo yezinambuzane abazaziyo ezifumaneka emakhaya baze bachaze nobungozi bazo eluntwini umz:iimpukane ,iinyosi,amaphela,onomadudwane njl-njl.</p> <p>Utitshala uchazela abafundi izinto ezithi zibangelwe bubukho bazo iimpukane emakhaya.Utitshala uchazela abantwana ngokubanzi ngezinto ezithi zidale iimpukane emakhaya ukuba zenziwa kukungacoceki,ziinkomo,amasi,ubulongwe ,umgquba phambi kwezindlu kunye nemithi yeziqhamo.Afafundi bachaza ngezinye izinambuzane ezifumaneka phandle ezinje ngentethe,iinyosi oohodoshe,iimbovane kwanezinye..Utitshala uchazela abafundi ngezinaambuzane eziluncedo ebantwini kwanasezityalweni..Uchazela abafundi ngokubanzi ngemisebenzi yezinaambuzane</p>
---	---

agxininise kwinyosi,apho sithi sifumane ubusi ziphinde zancedise kwintyatyambo.Utitshala uchazela abafundi ngobungozi bentethe ezityalweni .

Abafundi bathelekisa izinambuzane ezifumaneka ezindlwini naphandle.Utitshala unika abafundi iincwadi ezinemifanekiso yezinambuzane,abafundi bayasika,bancamathele Bayazoba ibhabhathane bejonge emfanekisweni oxhonyiweyo.Bafaka imibala ngekrayoni kwimizobo yabo.Abafundi babonisa ngokuzithemba ulwazi lokwalatha ubungakani nokulandelelana.Bafunda ngesantya nexesha.FAT 4.

Basebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqineni intsusa nesiphumo sebali.FAT 3.

Benza iphazili yamagama ayi-80.FAT 1,2.Bachaza ulwazi olulula kokuchazwa ngutitshala.FAT 2,3

IMIDLALO YANGAPHANDLE

Oojingi,umdlalo wamanzi nesanti,babumba izinambuzane ngomhlaba nangodongwe,badlala ugqaphu.

IXESHA LEBALI

Utitshala ubalisela okanye afunde ibali elinxulumene kwibali elo aze ababuze imibuzo efuna ukuqonda ukuba ibali baliqondile .Abantwana babuza imibuzo befuna ingcaciso kutitshala.Abantwana benza iintsomi kunye namabali abaweve emakhaya.

ISANGQA SOMCULO

	<p>Abafundi bacula iingoma benza nezicengcelezo kunye nemibongo.</p> <p>IXESHA LOKUGODUKA</p> <p>Abafundi baqoqosha izixhobo zokufunda baziqhindise ngendawo zazo.</p> <p>Utitshala uyabakhulula abafundi bagoduke ashiyeke elungiselela usuku lwakusasa nezixhobo aza kuzisebenzisa.</p>
IZIXHOBO ZOHLOLO	Tshekhilisti,rubriki
IZIXHOBO ZOKUFUNDA	Izincamathelisi,iikrayoni,iincwadi,izikere,imagazini
IZITHINTELI	Ubuninzi babantwana
OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA	Utitshala unika iziphumo zabafundi kubafundi